URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Gavin de Bruyn/Tamaryn Petersen
ICandelo le-Cape Teaching and Leadership Institute
(kuqukwa no- EDULIS)
Gavin.deBruyn@westerncape.gov.za | 021 900 5053
Tamaryn.Petersen@westerncape.gov.za | 021 900 5040

Inombolo yefayili: 23/2/8/1/NTA 2025
Isalathiso: 20250312-1545

INgcaciso eMfutshane ye-*Cape Teaching and Leadership Institute*: 0003/2025

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zamacandelwana nezamacandelo kwaNdlukulu, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze-*ISLES,* kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu zezikolo zikarhulumente, kwiiNtloko zamaziko eBakala *R* abhalisiweyo nakooSihlalo bamabhunga olawulo kwizikolo zikarhulumente

ISihloko: AmaBhaso okuWonga ooTitshala kaZwelonke ango-2025

1. AmaBhaso okuWonga ooTitshala kaZwelonke (*National Teaching Awards* (*NTAs*)) aqaphela ukutshatshela nemigangatho ephezulu yobuchule kumsebenzi wokufundisa nokubonelela abakumsebenzi wezemfundo ngamathuba okubhiyozela impumelelo yootitshala abagqwesileyo ngokuqaqambisa umsebenzi obalaseleyo owenziwa ngaba titshala.

2. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe iWCED) ke ngoko, liyazidla ngokuthi lazise yaye lisingathe umsitho wama-25 wamabhaso ephondo aqho ngonyaka, ocwangciselwe ukuqhubeka nge-**15 Agasti 2025,** nongumsitho owandulela owamabhaso e-*NTA* aqho ngonyaka.

3. Inguqulelo yekhompyutha (*electronic version)* eyi-*Nomination Guide for the Annual National Teaching Awards,* equlethe iifom zokutyumba neekhrayitheriya zokufaneleka, iyafumaneka ngokusebenzisa le linki ingezantsi. Kucelwa izikolo zikhuphele (*download*) amaxwebhu akhankanyiweyo ngokusebenzisa le linki ilandelayo: https://wcedonline.westerncape.gov.za/national-teaching-awards

4. Ikopi ye-*Nomination Guide* ikwaqhotyoshelwe apha kule ngcaciso imfutshane (**isiHlomelo A**). Kucelwa niqaphele ukuba akukho zikopi ziprintiweyo ziya kunikwa izikolo.

5. Kucelwa bonke ootitshala, amabhunga olawulo namagosa ezithili ukuba bangenise amagama abatyunjiweyo ngokusekelwe kwiikhrayitheriya eziqulethwe kwi-*Nomination Guide* kwinqununu zabo okanye kubaphathi bamaziko.

6. "Amabhaso eNkathalo neNkxaso ango-2023" ("*2023 Care and Support Awards*") adityaniswe kumabhaso e-*NTAs* yaye abizwa ngokuthi "UkuTshatshela ekuFundiseni iZakhono zoBomi" ("*Excellence in Teaching Life Skills")* (kwiBakala 1 ukuya kwele-6)

7. Ootitshala abafanele ukuwongwa banokutyunjwa kwezi ndidi zili-15 zilandelayo:
   - UkuTshatshela ekuFundiseni kwiBakala R
   - UkuTshatshela ekuFundiseni kwiZikolo eziziiPrayimari (kumaBakala 1–7)
   - UkuTshatshela kuBunkokeli kwiZikolo eziziiPrayimari
   - UkuTshatshela ekuFundiseni kwiZikolo eziziiSekondari (kumaBakala 8–12)
   - UkuTshatshela kuBunkokeli kwiZikolo eziziiSekondari
   - UkuTshatshela ekuFundiseni kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa
   - UkuTshatshela kuBunkokeli kwiZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa
   - UkuTshatshela ekuFundiseni iMathematika (GET)
   - UkuTshatshela ekuFundiseni iMathematika (FET)
   - UkuTshatshela ekuFundiseni i-*Natural Sciences*
   - UkuTshatshela ekuFundiseni i-*Physical Sciences*
   - UkuTshatshela ekuFundiseni iZakhono zoBomi (kumaBakala 1-6)
   - UkuTshatshela kwiThekhinoloji – IBhaso lokuFunda nokuFundisa okuPhuculweyo
   - IBhaso likaZwelonke likaTitshala oTshatsheleyo
   - IBhaso i-Kader Asmal leMpumelelo kwezeMfundo ngeXesha Lonke loKuphila

8. ISebe iWCED linqwenela ukuba bonke abatyunjiweyo bazithathele ingqalelo iikhrayitheriya zokufaneleka ngokwe-*NTA Nomination Guide* (umhlathi10, amaphepha 63–67).

9. Abatyunjelwe ii-*NTAs* kufuneka babe ngaba balandelayo:

9.1. ngowenze umsebenzi wokufundisa wobutitshala iminyaka emibini ubuncinane yaye esebenza iminyaka emibini ubuncinane kwisikolo sikarhulumente esiqhelekileyo okanye kwiziko loPhuhliso lwaBantwana abasaQalayo eMzantsi Afrika; okanye

9.2. ngosebenze iminyaka emibini ubuncinane kwindima yobunkokeli kwiKomiti yoLawulo yeSikolo.

10. Ngaphaya koko, ziinqununu, amasekela-nqununu nootitshala kuphela, **zezikolo zikarhulumente zabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa abanokungenela udidi "lokuTshatshela kudidi lweMfundo eneeMfuno eziZodwa" kunye nakudidi "lokuTshatshela kudidi loBunkokeli kwiMfundo eneeMfuno eziZodwa".** Kucelwa nifunde umhlathi 10.1 (k) no-(l) (iphepha 64) kwi-*Nomination Guide,* ukufumana inkcazelo engaphezulu.

11. Kucelwa abatyunjiweyo babenolwazi ngeekhrayitheriya nangenkqubo yokukhethwa kwabaphumeleleyo.

12. Amaqela angabhaliswa ukungenela ii-*NTAs*, nakuba kunjalo, ngootitshala abahlanu abona baninzi abanokwenza iqela kudidi ngalunye.

13. Ukulungiselela ukukhethwa kwabaphumeleleyo kumanqanaba esithili, ephondo nakazwelonke, kuya kucelwa abatyunjwa bangenise inkcazo-ntetho (ka-*PowerPoint*) kwiikhrayitheriya eziqhelekileyo nezikhethekileyo ngokunjalo (*general and specific criteria*), eqaqambisa umsebenzi wabo omawuqwalaselelwe la mabhaso anqweneleka ngamandla. Oku kuya kusebenza njengodliwano-ndlebe lokugqibela lokumisela abaphumeleleyo kwisithili, kwiphondo nakuzwelonke.

14. Kwinqanaba lesithili abagqatswa abakuluhlu olufutshane baya kwenza udliwano-ndlebe neenkcazo-ntetho bekhona buqu kwi-ofisi yesithili okanye njengoko kumiselwe ngumququzeleli wesithili.

15. Kumjikelo wokugweba kwiphondo, abaphumelele kwisithili baya kwenza udliwano-ndlebe neenkcazo-ntetho zabo e-*Cape Teaching and Leadership Institute, e-Kuils River.*

16. Abaphumeleleyo kunye nabo baphume kwindawo yesibini kwisithili kwakunye nabaphumelele kwiphondo nabaphume kwindawo yesibini baya kufumana amabhaso njengoko kumiselwe liSebe iWCED.

17. Iifom zokutyumba ziye zalungelelaniswa zaze zancitshiswa kakhulu ukunika ootitshala abaninzi ithuba lokuba batyunjelwe la mabhaso anqweneleka ngamandla.

18. Umhla wokuvala wokungeniswa kwazo zonke iifom zokutyumba kwiCandelo le-CTLI ngowe-**16 Meyi 2025.**

19. Kucelwa iinqununu neekomiti zesikolo zokutyumba ukuba zifake iifom zokutyumba ezizaliswe ngokupheleleyo zisebenzisa le linki ilandelayo: https://forms.gle/i4VY4oALtScf9UN59

20. Kucelwa nifunde **isiHlomelo B noLuhlu lokuTshekisha kwiphepha 2 lesihlomelo** ukufumana iinkcukacha zokungeniswa kweeFom ii-*Nomination Forms* nenkqubo elandelayo yokukhethwa kwabaphumeleleyo.

21. Le mihla ilandelayo ithathwa njengebalulekileyo kwinkqubo yango-2025:

No.	Okwenziwayo	Imihla efanelekileyo
1	Ukuvalwa kokufakwa kwamagama abatyunjiweyo	**16 Meyi 2025**
2	Inkqubo yokugweba kwisithili	**26–30 Meyi 2025**
3	Ukwaziswa kwabaphumeleleyo nabaphume isibini kwisithili (Itheko lamabhaso kwisithili)	**01-20 Juni 2025**
4	Inkqubo yokugweba kwiphondo	**23 –29 Julayi 2025**
5	Itheko lamabhaso kwiphondo	**15 Agasti 2025**
6	Inkqubo yokugweba kuzwelonke	**09 –11 Septemba 2025**
7	Itheko lamabhaso kuzwelonke	**09 Oktobha 2025**

22. Ukuba nifuna ingcaciso engaphezulu, kucelwa niqhagamshelane nomququzeleli wesithili ochaphazelekayo odweliswe apha ngezantsi:

Isithili	Umququzeleli (abaququzeleli) wesithili	Inombolo yefoni	Idilesi ye-imeyili
Metropole East	Mnu Craig Paulsen	021 900 7035	Craig.Paulsen@westerncape.gov.za
Metropole Central	Mnu Sheldon Lingeveldt	021 514 6945	Sheldon.Lingeveldt@westerncape.gov.za
Metropole North	Nks Kaydy Cheng	021 938 3174	Kaydy.Cheng@westerncape.gov.za
Metropole South	Nks Genine Erfort	021 374 4107	Genine.Erfort@westerncape.gov.za
Cape Winelands	Mnu Elton-John du Plessis	023 348 4682	Elton-John.DuPlessis@westerncape.gov.za
Eden and Central Karoo	Mnu Errol Meiring	044 803 8344	Errol.Meiring@westerncape.gov.za
Overberg	Mnu Edward Kies	084 583 5008	Edward.Kies@westerncape.gov.za
West Coast	Nks Janine Adonis	021 860 1208	Janine.Adonis@westerncape.gov.za
Provincial office (CTLI)	Mnu Gavin de Bruyn	021 900 5053	ProvincialNta@wced.info
****Kuyo yonke imibuzo***	Nks Tamaryn Petersen	021 900 5040	ProvincialNta@wced.info

23. Amabhaso ii-*NTAs* axhaswa nguMphathiswa weMfundo wePhondo, yiNtloko yezeMfundo, yimibutho yeemanyano zabasebenzi nemibutho yamabhunga olawulo.eLECTR

24. Ayakhuthazwa onke amalungu angabahlali besikolo ukuba bathathe inxaxheba ekutyunjweni kootitshala abakufaneleyo ukuwongwa kwii-*NTAs*.

25. Kucelwa wazise ngokuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke ootitshala abafundisayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BJ LORISTON
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2025-04-10